

OKTOBHA 2024

Hermanus 028 313 8000  
Gansbaai-Stanford 028 384 8300  
Kleinmond 028 271 8400

**24/7 Municipal Emergencies:**

Basic Services 028 313 8111  
Fire & Rescue 028 312 2400

# Bulletin

#overstrand4all

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

#C4ourself

## INTLEKELE YEDAMA ERIVERLANDS

## UKUNCEDA UKWENZA IMBUYEKEZO

Uphuphume olubi olubangelwe kukudilika kweDama laseRiverlands alutshabalalisanga nje amakhaya, iindlela kunye nezibonelelo, kodwa luthintele kakubi ngokunjalo ikhono loMasipala waseSwartland lokunonelela ngamanzi okusela kumawaka abantu.

Kube lapho ke ekungenelele abezomlilo base-Overstrand, uLawulo loHlangulo neNtlekele: imoto enetaki lamanzi elinomthamo weelitha ezingamawaka amahlanu yakhutshwa, kunye neqela lomlilo nelohlangulo asebenza iishifu de kube phakathi kuSeptemba ngokutshintshana ukunceda nokuqinisekisa ngonikezelo oluqhubekayo lwamanzi phakathi kwabo bawadingayo.

Njengoko uSodolophu wase-Overstrand, uGq. Annelie Rabie, echazile: "Kutshanje, abanye oomasipala banceda ukudambisa intlekele yamanzi esithe sanayo ngoSeptemba 2023. Ndinombulelelo ongzenziyo kwiqela lethi lomlilo nelohlangulo elithe, ngomoya wentsebenziswano, lazinkela ukwenza imbuyekezo."

Abasefotweni apha nguHershelle Marinus, Cecil Abrahamse, Owen Stewart kunye noAldenovan Arendse. Babalelwa phakathi kwabasebenzi abaninzi bomlilo nabohlangulo abathe beza kunceda ukudambisa intlekele evelile iSwartland.

**ONKE AMADAMA KAMSIPALA AHAMBELANA NOMTHETHO**

Kwimeko yentlekele ethe kutshanje yavelela uluntu eMalmesbury nakufutshane xa lithe iDama iRiverlands ladilika, uMasipala wase-Overstrand uthanda ukuqinisekisa abahlali bakhe okokuba onke amadama aphantsi kolawulo lukamasipala e-Overstrand abhalisiwe yaye ayahlolewa rhoqo.

Ngokomthetho, onke amadama, kubandakanywa namaziko karhulumente, kufuneka aqinisekise okokuba amadama awo abhalisiwe neSebe laManzi noCoceko yaye kuqhutya uhloko lokhuselo zinjini ezivunyiweyo ezibhalisiweyo zokhuselo lwedama rhoqo kwisithuba neminyaka emihlanu.

Njengokhuseleko olungaphezulu, abasebenzi bobuchule bakhe base-Overstrand baqhuba olwabo uhloko lokhuselo rhoqo ngekota nganye.

## LUMKA:

## UKUDUBULA IMFENE OKANYE UKUYOYIKISA NGEMIPU EKHUPHA UMOYA AKUKHO MTHETHWENI

Kutshanje, ngoko enye imfene yadutyulwa yabulawa ePringle Bay.

Asikuko ukungabikho mthethweni kuphela ukudubula umpu, kubandakanywa umpu okhupha umoya, kummandla onezininzi ngokwemiqathango yoMthetho woLawulo lweMipu (uMthetho 6 wama-2000) kodwa, njengoko iimfene zikhuselwe phantsi koMmiselo woLondolozi lweNdlalo, ukudubula okanye ukwenzakalisa imfene lityala lolwaphulo-mthetho. Nawuphi na ofunyenwe enobutyala bolwaphulo okanye lwetyala akasayi kwambatha nje isohlwayo esinzima, kodwa uya kubhengezwa njengongafanelekanga ukuba nompu ngokwemiqathango yoMthetho.

Yinyaniso eyaziwayo kakuhle into yokuba ukukhethwa kwemfene kunomphumela wokuphazanyiswa kokuziphatha komhlambi njengoko kuphazamisa uthantamiso olu-cekeceke olukumhlambi.

Ngenxa yeso sizathu, uMasipala wase-Overstrand usebenzise iindlela ezinobuntu nezingenabungozi ukulawula ngquzulwano phakathi kwabantu nezilwanyana zasendle yaye ekhuthaza abahlali okokuba bagxile kumaqhinga athi aqinisekise ngempilo-ntle yezilwanyana nokhuselo loluntu kwiinzame zabo zokuthintela iimfene.

Ngenene, ukuba ngaba imithombo yokutya edolophini inokubhangiswa, iimfene azingebi nakho ukuba ziphinde zibuye yaye, ekugqibeleni, ziya kubuyela kwindawo yazo yokuhlala ngaphandle kommandla wedolophu. Ukodwa ukufikelela koku, sidinga intsebenziswano yenu.

Okokuqala nokuphambili, **MUSA UKUZINIKA UKUTYA IIMFENE!** Okwesibini, Sebenzisa amaqhinga alula amathathu angasezantsi ukukhusela abo ubathandayo kunye nepropati kwiimfene eziphangayo.

**IQHINGA 1: MUSA "UKUZIMEMA" IIMFENE KWIPROPATI YAKHO**

Iimfene zitsalwa umdla zizinto ezininzi "ezityiwayo", ngoko kufuneka wenze konke onakho kube nzima kuzo ukufikelela naukiyphi na into ezinokuyiphanga:

- Sebenzisa imigqomo evaluewe iimfene yaye musa ukushiya nazo naziphi na iinxowa ezimnyama zenkunkuma ngaphezulu komgqomo okanye kwindledlana yeenyawo
- Musa ukulahla naziphi na iinkozo zokutya kweentaka okanye ushiye ukutya kwezilwanyane ezincinane zasekhaya ngaphandle
- Zikhe iziqhamo ezivuthiweyo emithini nakumatyholo
- Biyela izityi zemifuno kunye neengqumba zesivundiso

**IQHINGA 2: GCINA AMEHLAKHO EJOLISILE NEENDLEBE ZAKHO ZITHE MVI**

Qhagamshelana nomxeba wokukhawulezileyo omiselweyo weemfene kummandla wakho (khangela iinkcukacha ngasezantsi) ukuqinisekisa ngento yokuba unakho ukulunyikiswa kakuhle kwangethuba kusetyenziswa uWhatsApp xa iimfene zisendleni eya edolophini

- Thabathela ingqalelo izilumkiso zangethuba ezinikezelwa ngababeka iliso kwiimfene (okt., ukuvuthelwa kweevuvuzela okanye kweempempe)
- Xa umhlambi ukufutshane, vala uze utshixhe zonke iingcango kunye neefestile ngoko nangoko

**IQHINGA 3: XA ZITHE ZABONAKALA IIMFENE, YENZA KUCACE OKOKUBA AZAMKELEKANGA**

- Fakela umbhobho wakho wokunkcenkceshela esityeni ube nesixokomezelelo esinako ukufafaza amanzi umgama omde ze usisebenzisele "ukunkcenkceshela" iimfene
- Yenza ingxolo enkulu, umzekelo, ukubetha iimbiza kunye neepani

Ukulungiselela ingcaciso ngaphezulu ngokuvalelwa kweemfene kunye neengcebiso zokugcinwa kweemfene kude nepropati yakho, nceda uqhagamshelane neBaboon Hotline West (eKleinmond, eBetty's Bay nasePringle Bay) kule nombolo yomxeba 069 151 5962, okanye nge-imeyile kuGary Beukman kule dilesi projectmanagerbnp@overstrand.gov.za. Inombolo yoqhagamshelwano yoMnxeba wokuKhawulezileyo weemfene kummandla waseHermanus/Voëlklip ngulo 072 028 0008.

## UNCEDO KWINTLUPHEKO

Abaxhamli abafanelekileyo **kufuneka** benze isicelo kube kanye ngonyaka

INkxaso-mali enoBulungisa yoMasipala wase-Overstrand ijolise ekunikezeleni ngoncedo lwemali kumakhaya ahlupekileyo ngokuhlulwa iindleko zeenkondo zesiseko. Ukongezelela kukuhlulwa kwe-100% kwezi nkondo, amakhaya athi ayihlangabeze indlela yokukhetha echaziweyo kuMgaqo-nkqubo wabaHluphekileyo ovuniweyo womasipala aya kufumana ngokunjalo imirhumo esimahla elandelayo rhoqo ngenyanga:



Okubalulekileyo apha kokokuba abo banesidingo soncedo lwemali kufuneka baqinisekise ngenqanaba labo lokuhlupheka kube kanye ngonyaka, nokokuba benza isicelo okokuqala okanye sele behhaliselwe inkxaso yokuhlupheka.

## UKUFANELEKA OKOKUBA UFUMANE INKXASO YOKUHLUPHEKA, ABENZI BEZICELO KUFUNEKA:

- ✓ Babe nengeniso ehlanganisiweyo (umenzi wesicelo + umyeni/inkosikazi/ iqabane elingundofa naye) engadlulanga kuma-R8,801 ngenyanga;
- ✓ Basebenzise umndilili ongadlulanga kwama-500 kWh ombane ngenyanga nganye;
- ✓ Bangasebenzisi ngaphezulu kwama-20 kL amanzi kumndilili wenyanga nganye;
- ✓ Babe ngabahlali boMzantsi Afrika;
- ✓ Abangabo abanini bepropati ezingaphezulu kwenye; yaye
- ✓ Bayisebenzisele le propati iinjongo zokuhlala kuphela.

## UKUQINISEKISWA KWENQANABA LENTLUPHEKO:

Ukuqinisekiswa kokufaneleka okokuba ufumane inkxaso yokuhlupheka, abenzi besicelo baya kudingeka okokuba bangenise amaxwebhu alandelayo:

- ✓ LI-akhawunti kamasipala yakutsha nje
- ✓ I-ID zabahlali ababudala bungaphezulu kweminyaka eli-18
- ✓ Iikopi zeziqinisekiso zokuzalwa zabo bonke abahlali ababudala bungphantsi kwe-18 leminyaka
- ✓ Ubungqina bakutsha nje bomvuzo beenyanga ezintathu zomenzi wesicelo
- ✓ Iingxelo zakutsha nje zebhanka zeenyanga ezintathu zomenzi wesicelo, kubandakanywa nezo zomyeni/zenkosikazi/zeqabane elingundofa
- ✓ Kwimeko apho umenzi wesicelo angenayo i-akhawunti yebhanka, ingxelo efungelweyo eqinisekiso okokuba imeko injalo ngokwenene
- ✓ Kwimeko apho umenzi wesicelo aziqeshe ngokwakhe, ingxelo efungelweyo yobhengeza ingeniso
- ✓ Kwimeko yokungaqeshwa, ingxelo efungelweyo echaza okokuba oku kunjalo ngenene yaye umenzi wesicelo akanawo omnye umthombo wengeniso
- ✓ Apho kufanelekileyo, ubungqina bukaSASSA bengeniso yomhlalaphantsi
- ✓ Kwimeko yomyalelo wokuqhawulwa komtshato/wokwahlukana okanye wokulahlwa, ubungqina obufungelweyo obuchaza okokuba umenzi wesicelo uya kuthabatha uxanduva lwe-akhawunti kamasipala
- ✓ Kwimeko yokusweleka komnini wobambiswano, isiqinisekiso sokubhubha ukuqinisekisa okokuba umnini wobambiswano ngokwenene uswelelele

## OKUNGAPHEZULU KWABANENGENISO EPHANTSI AMAKHAYA NGOKU AFANELEKILEYO

Indlela yokukhethwa ukuze ufaneleke ukufumana inkxaso yokuhlupheka yile:

1. Yingeniso yomenzi wesicelo kunye nomyeni/inkosikazi okanye undofa naye kuphela oya kunikwa ingqwalasela. Ingeniso yabanxusi kwesi siza okanye abantwana kwikhaya ayisayi kubandakanywa kuvavanyo.
2. Xa kubalwa ingeniso ukumisela kokufaneleka kokufumana inkxaso yokhlupheka, abantu abafana iminikelo kumajoni ayelwela inkululeko yeli lizwe, abakhubaze-kileyo, abantwana aboneliwa ngabazali abangengabo ababo, ulolongo oluxhomekileyo nengeniso yomntwana ayisayi kuthatyathelwa ingqalelo.
3. Kwimeko apho umnini wepropati athe wabhubha okanye wayishiya ipropati, umhlali omtsha uya kuba nakho ukwenza isicelo soncedo lokuhlupheka, ngaphandle kokuba umhlali uqinisekisiwe ngokusetyenziswa kwengxelo efungelweyo okokuba uyavuma ukuthabatha uxanduva olupheleleyo lwe-akhawunti kamasipala, ngalo ndlela umasipala uya kuyila i-akhawunti yomqeshi.

## ULONDOLOZO OLUKHULU KWIINDLEKO ZOMBANE

“Izibane ezitsha zesitalato ezili-1 500 zibangele ulondolozo lonyaka olungama ±551 922 kWh kwiindleko ezithe ngqo zombane”

INkxaso-mali yomnikelo enikezelwe phantsi kwelinge leSebe leZibonelelo zeZimbiwa noMbane ukunciphisa ukukhutsha kwekhahloni kutsha nje kuncede uMasipala wase-Overstrand okokuba afakele ezinye izibane zesitalato ezo zilandolozo umbane ze-LED ngeendleko ezizigidi ezisi-R7.2.

“Sithabathe eli nyathelo njengenxalenye yokuzibophelela kukamasipala ekuxhaseni amalinge ombane oluhlaza yaye sikonwabele ukunika ingxelo yokokuba ngokufakelwa kwezibane zimbalwa zesitalato zili-1 500, ulondolozo olukhulu lonyaka olumalunga nama-552 000 kWh kwiindleko zombane ezithe ngqo lwenziwe, “utshilo uSodolophu weSigqeba, uGq., Annelie Rabie.

“Asikuko nje kuphela izibane zesitalato zeLED zilandolozo ama-50% ombane, zidume ngokunjalo ngokuhlala ixesha elide yaye zidinga ulolongo oluphantsi kakhulu kunezibane zesitalato eziqhelekileyo. Ngeso sizathu, siya kwenza konke okusemandleni ukufumana inkxaso-mali eyangezelelweyo ukwenzela okokuba sibe nokufakele izibane zesitalato zeLED kuyo yonke i-Overstrand ngokukhawuleza okukhulu,” wangezelele watsho.

## QINISEKISA OKOKUBA UKUGONYELWA EUMGADA KWESILWANYANA SAKHO SASEKHAYA KUHLAZIYIWE

Inani lezehlo eliqinisekisiweyo lomgada phakathi kwentini zaseKapa ezikummandla wase-Overstrand kunikwe ingxelo ngazo. Njengokhuseleko lokuqala kwesi sifo sibulalayo, uMasipala wase-Overstrand ukuthaza bonke abanini bezilwanyana zasekhaya ukuba bathethe nogqirha wezilwanyana ukufumanisa okokuba ingaba ugonyo lwezilwanyana zabo zasekhaya luhlaziyiwe okanye bathathe izilwanyana zabo zasekhaya bazise nakuyiphi na imibutho yentlo-ntle yezilwanyana ekummandla okokuba zigonywe. Okwesibini, abo bahamba nezinja zabo ngaselunxwemeni bayacetyiswa okokuba bazigcine izinja zabo zisentanjeni yaye zikulawulo lwabo ngawo onke amaxesha. Umgada unakho ukusasazeka ngokulunywa kwezinja/ kwabantu zintini, nangokulunywa kweentini zizinja, kodwa unakho ukusasazwa ngokunjalo xa inja ethe yakhotha nje okanye yatya umziba wesilwanyana esifileyo. Ukuba ungahlangana nomziba wentini efileyo okanye naliphi na ilungu layo elunxwemeni, musa ukulichukuma okanye uliphathe yaye hambela kude neentini eziphilileyo ezidudulelwe elunxwemeni. Ukuba ngaba ubona intini ebonakala ihamba ngokungaqhelekanga, nceda uthabathe ividiyo ukuba unakho ze ubonise indawo ekuyo. Zichaze izehlo ezinjalo ngokunjalo nohlasele/okulunywa kugqirha wezilwanyana okufutshane okanye kwiCandelo loLawulo lweNdalo loMasipala wase-Overstrand kule nombolo yomnxeba 028 316 3724 (o/h) okanye kwiGumbi loLawulo oluNgxamileyo loMlilo noHlangulo kule nombolo 028 312 2400 (a/h) ngoko nangoko. Qaphela, ngokunjalo, ukubonwa kweentini (ziphilile okanye zigula) kunakho ukuchazwa kwiwebhusayiti ye-iNaturalist. Ngonyango olukhawulezileyo nolufanelekileyo (okt., ugonyo), ukusasazeka komgada kunokuthintelwa. **Sikhuthaza ngoko bonke abanini bezilwanyana zasekhaya okokuba bathabathe uxanduva ngokuthabatha amanyathelo okhuseleko ayimfuneko ze baziphathe ngokufanelekileyo.**

## Ukuchetywa kwengca kuza kuqhutywa

Kubonanakala ngokuba izithuba ezivulelekileyo ezimdaka zoluntu, imimandla ejikeleze idolophu, kunye nongqameko lwemigqao azibonakali kakuhle. Ngenzame yokuthintela oku kungentla okokuba kwene ingca nazo zonke iintlobo zotyani olungamkelekanga, uMasipala wase-Overstrand akanayo enye indlela kodwa kufuneka alandele ishediyuli yakhe yokuchetywa kwengca notyani. Kukubi kunjalo, iintyatyambo ezivele ngentlakohlazo ezenze ikhaphethi entle kuya kunyanzeleka zisuswe kule nkqubo.

## Ukahlaziya kwemitha yombane osele uhlawulelwe kwangaphambili

Ngokuhambelana nephulo elibanzi eliqaliswe ukususela kowama-2020 lokuqinisekisa okokuba iimitha zombane osele uhlawulelwe kwangaphambili zihlaziye kwangethuba lungiselelwa ukuqaliswa kokuchongwa kwengqondo okuphedulelwe uNovemba kulo nyaka, uMasipala wase-Overstrand uya kuvuyela ukupapasha okokuba ube nakho ukufezekisa lo msebenzi ngaphambili le komhla omiselweyo. Ukufunyanwa komlinganiselo wempumelelo we-100% akubanga lula, uMasipala wase-Overstrand uthanda ukwenza umbulelo ongazenzisiyo kubahlali bethu ngentsebenziswano yabo nakubasebenzi bethu abazinikeleyo abathe benza konke ukuqinisekisa ngento yokuba wonke umntu ufumanele umyalezo yaye uya kuqonda ukungxama kwawo ngokunjalo. **Kwakhona, nangona kunjalo, siding ukucebisa abathengi abathenga umbane wabo ngqo ku-Eskom (okt., abo baseBetty's Bay, Pringle Bay, Rooiols, Fisherhaven, Vermont, Onrus, Hemel-en-Aarde kunye nemimandla ethile ephakathi kwe-Die Damme kunye neHermanus) okokuba baqhagamshelane no-Eskom ngqo ngokukhawuleza okokuba iinkqubo kwiimitha zabo zombane ohlawulelwa ngaphambili azikahlaziya ngokwakaloku nje.**

## I-Fernkloof ibhegbezwe njengenayo imigqomo

**Ngoku okushiya ngasemva kuphelela kuphela kwiimpawu zeenyawo.**

Abo bakonwabelayo ukuhamba ngakwiliwa elilondolozweyo kunye neendledlana zekhontolo, okanye abathanda ipikniki kwizitya, kufuneka bathabathele ingqalelo yokokuba iFernkloof Nature Reserve ibenzisa umgaqo-nkqubo “wokungahlawla kwernkunkuma, wokungabikho kwemigqomo yenkunkuma”. Esi sigqibo kufikelelwe kuso ngenxa yokuba kufuneka kukhuselwe izitya ezincinane ezibuthathaka ezilandolozweyo yaye oku kuthetha into yokuba amalungiselelo enziwe okokuba abatyelile kunye nabanyuki beentaba bavume okokuba bathwale oko bebengene nako baphinde baphume nako kwakhona. Ngokufutshane, akukho migqomo yenkunkuma eya kubonelelwa: Nokokuba kukwimimandla yepikniki, okanye ngakwiindledlana oknya kwimizila. Ukunyanyisa olu hlangehlengiso ngoko, imigqomo embalwa iya kuba khona ngakwiliwa nakwiindledlana zekhontolo okwethutyana. Ukuxhasa eli phulo lokugcinwa kwendalo ingonakaliswanga eyenye yeendawo ezitsala umdla nezilandolozweyo, isicelo sethu silula: Nceda uyithwale inkunkuma yakho uye nayo ekhaya.

